

# INCWADI YEENDABA YAMALUNGU

## USHICELELO LOKUQALA



## Umyalezo ovela kwiGosa eliyiNtloko

**U**yakholelwa na ukuba sele sikhwinya yesithathu yonyaka? Okuninzi kwenzekile kwimbono yeNgxowamali yehlabathi kanye neyesizwe. Siyathemba ukuba ikota yokuqala yonyaka ibeneziqhamo kuwe.

Kolu uhlelo Iwencwadi ethunyelwa amalungu, sazisa nge CEO entsha ye MWPF – uMnu Dumisa Hlatshwayo. Okuninzi ngaye kwiphepha le-2, siku-bone kufanelekile ukwenza lonke iqela labaphathi ukuba laziwe kuwe ukuze wazi isizathu esiphambili sokuhanjisa kobuchule bokuphatha i-MWPF. Sikwanesibhengezo esibalulekileyo kakhulu esimayelana ne-Group Life yakho kwiphepha 4.

Ingxowa-mali inikezelala kakhulu ngeenzuso zomhla-laphantsi, sinikezelala ngeenzuso zokufa, ukukhubazeka nangokuninzi, jonga inqaku elithi “zazi iinzudo zakho” kwiphepha 5 ukuze uziqhelanise bhetele ngento efumanekayo kuwe nakwabo bakuthandayo.

Okokugqibela, siqukumbela ngokudwelisa zonke izibonelelo ezifumanekayo ukunceda wena, namalungu axabisekileyo ethu.

Yinjongo yethu ukwenza uhambo Iwakho nathi lubelolu manyeneyo kangangoko. Siyakuhuthaza ukuba usebenzise lamaqonga ukuze ubenokufumana uncedo olufunayo.

Uhambo Iwam kwi MWPF lufikelele esiphelweni njengoko ndizakube ndiyishiya Ingxowa-mali ekupheleni kukaMatshi. Ndingathanda ukuthatha elithuba ukuba ndinibulele ngeminyaka emine emangalisayo. Ukubasisicaka senu kubeliwonga kwaye kwenze igalelo elixabisekileyo kwinkqubela-phambili yobomi bam.

Ndininqwenelala okuhle  
njengoko niqbuka nohambo  
lwenu kanye ne-MWPF

**Ozithobileyo  
Philda Mphephu**

## UMBA:

Ukwaziswa kuka  
Dumisa Hlatshwayo – Pg 2  
i-CEO ye MWPF

Zazi iinzudo  
zakho Pg 5

Iqela labaPhathi  
be-MWPF Pg 3

Umvuzo Wobomi  
Bonke Pg 5

Ulondolozo  
olunzi Iwamalungu  
e-Group Life Pg 4

Izbonelelo ezifuma-  
nekayo kuwe Pg 6

Amaqonga  
Edijithali Pg 7



# Ukwaziswa kuka

## Dumisa Hlatshwayo –

### i-CEO ye MWPF

Kundinika uchulumanco olukhulu kakhulu ukwazisa nge CEO entsha ye MWPF, uMnu Dumisa Hlatshwayo kojotine Ingxowa-mali ngomhla woku- 01 kaMatshi 2020. uMnu Hlatshwayo uye wabandakanyeka kwi provident fund nakwiingxowa-mali zepenshini ukususela ngo-1998. Ngelixesa lokusebenza kwakhe ixesha elide kwiinkonzo zezimali, uye wabangu Mlawuli weZezimali wase Alexander Forbes Financial Services, Usihlalo wee-provident fund ezininzi ezahlukeneyo nakwiingxowa-mali zepenshini kwaye ngoku unguSihlalo wezinye iingxowa-mali ezinkulu, kuquka i-Amplats Group Provident Fund, apho ngaphambili ebenguSihlalo wabo weKomiti Yokuphicotha iincwadi zemali kunye noMngcipheko.

Uchophe kwezinye zeeBhodi njengoMlawuli Ongenguye uMphathi. Kangange minyaka emininzi ukuza kuthi ga ngoku, ubenoxanduva kwiBhodi yabalawuli ngexesha leendima zakhe eziqhelekileyo zokubangumphathi. NjengoMlawuli Ongenguye uMphathi, uye wasebenza kwiiBhodi zabalawuli ezininzi kunye nabo banezabelo kwiinkampani ezahlukeneyo.

#### Ezinye zeempumelelo zakhe ziQuka:

- Ukuseka ingxowa-mali yokudala imisebenzi eyi-9 bhiliyon ranti e-DBSA. Ukuqequesha amagosa amabini otyalo-mali ayintloko ukuba athathe iintambo zeNgxowa-mali yeMisebenzi, njengenxalenyen yobuchule bokupathha yesicwangciso sokulandelelana e-DBSA nakuNondyebo weSizwe.
- Uyile ii-term sheets (amaxwebhu acacisa ngemiqathango yesivumelwano seshishini) kunye neekhontrakthi ezahlukeneyo zeNgxowa-mali yeMisebenzi kunye ne Fundi.

- Uvelise imigaqo-nkqubo kunye neenkqubo zeshishisni leNgxowa-mali yeMisebenzi.
- Wenze uthethathethwano olungaphezulu kwama-200 ezivumelwano zotyalo-mali kwiNgxowa-mali yeMisebenzi.
- Ulawule inkampani enekontrakthi yokuhlawula yangaphandle ye-Imisebe Investment Holdings.
- Wazise ngokuyilwa kweenqubo zeshishini lezimali ezinolondolozo lweendleko e-Aveng, Alexander Forbes, e-Tastic Rice nakwi Fundi.
- Useke inkampani yolawulo lwengxowa-mali esebezayo e-NBC.
- Wazise ngophuhliso lweeprogram zekhompyutha lolawulo lwengxowa-mali ebhekiselele kwiwebhu kunye nokusetyenziswa e-NBC.
- Wenze uthethathethwano kunye nokusetyenziswa kolungiselelo lveshishini lenkampani ephantsi kwenye ye-NBC ye-actuarial e-Kenya nase Namibia.
- Wayelilungu leqela kuthethathethwano lwekhontrakthi yenkampani ephantsi kwe-Nigeria ye-Alexander Forbes.
- Wabandakanyeka kuqatshelo lwamathuba eteknoloji ephazamisayo nakuphuhliso e-Fundi.
- Walawula i-provident fund yezemigodi ebalulekileyo kunye noninzi lwabo babandakanyekayo be Amplats Group Provident Fund.

#### uMnu Hlatshwayo ufumene ezizidanga zilandelayo:

**Bachelor of Commerce**  
**Bachelor of Accounting Science Honours**  
**Chartered Accountant**  
**Masters of Business Administration**

# Iqela labaPhathi be-MWPF

Dibana neQela labaPhathi be-MWPF elinoxanduva lokuhanjiswa kobuchule bokuphatha i-MWPF.



**Amma Amparbang**  
Igosa leZimali eliyiNtloko



**Lungelo Solombela**  
Umphathi wezaBasebenzi



**Muziwandile Ndlovu**  
Umphathi woPhuhliso IweShishini



**Nathan Williams**  
Igosa lezeMisebenzi/IoLwazi eliyiNtloko

# Ulondolozo oluninzi **LWAMALUNGU** e-Group Life



**N**gokwemiqathango yoMthetho weNgxowa-mali yoMhlalaphantsi, zonke iingxowa-mali zomhlalaphantsi kufuneka zenze ukuhlolwa komthetho rhoqo kwiminyaka emithathu kusenziwa nguMhloli weNgxowa-mali. Injongo yokuhlolwa kukwenza ingxelo ngesimo esihle sezimali seNgxowa-mali kwanokucacisa ngenkqubela-phambili yezimali zeNgxowa-mali kwiGunya Lolawulo kwaye ngolo hlobo kufuneka kungeniswe kuLawulo Lokuziphatha leCandelo leZimali.

Ukuhlolwa kokugqibela kweNgxowa-mali olwalungomhla wama-31 kuDisemba 2018 kwamkelwa yiBhodi kwaye kwangeniswa kuLawulo Lokuziphatha leCandelo leZimali. Umhloli wafumanisa ukuba iNgxowa-mali ikwisimo esihle sezimali kwaye okubaluleke kakhulu wenza iziphakamiso ezibalulekileyo zokuphucula nangakumbi isimo seNgxowa-mali.

Esinye sesiphakamiso esibalulekileyo yayikukuba iNgxowa-mali inikezele nge inshorensi ngokupheleleyo kwi Group Life (inzuso yokufa) yayo endaweni yokunikezelu nge inshorensi kunye neNkampani ye-Inshorensi. Isizathu sesi siphakamiso yayikukuba kunokuba yinzuso kumalungu ukuba iNgxowa-mali ibinokuba neenzuso zomngcipheko ezinikezelu nge inshorensi yazo ngokupheleleyo, ngolo hlobo kuvumela ukwabiwa okukhulu okunokwenzeka kwegalelo lomqeshi ngalondlela ulondolozo olukhulu luzakuphunyezwa.

**Siyavuya ukukwazisa ukuba iBhodi isamkele isiphakamiso kwaye ukusukela kumhla woku-1 kaJanyuwary 2020 iNgxowa-mali ngoku inikezelu nge inshorensi kwikhava yayo ye-group life njengenxalenye yeSigaba soku-1 sokuphunyezwa.**

Ingxowa-mali ngoku iphanda ngeSigaba sesi-2 sokunikezelu nge inshorensi yayo ukuzisa zonke ezinye iinzuso ezikwi inshorensi ukuba ibekwi inshorensi yayo. Sizokwazisa ngokuphathelelene noko ngenkqubela-phambili ekuhambeni kwexesha.



# Zazi iinzuzo zakho

Singaphezulu nje kwengxowa-mali yomhlaphantsi. Siye sayila ngononophelo iinzuzo ukuqinisekisa ukuba azikhuselwanga kuphela ngexesha lomhlaphantsi kodwa wena nosapho lwakho ninakekelwe ngamaxeshwa ongxamiseko.

Umngcwabo	<ul style="list-style-type: none"><li>R40,000 ilungu</li><li>R40,000 iqabane (kungakhathaliseki inani)</li><li>R40,000 abantwana (abakubudala beminyaka eli-14 ukuya kutsho kuma-25 (21 ukuya kutsho kuma-25, isiqinisekiso sokufunda sizakufuneka)</li><li>R25,000 abantwana (abakubudala beminyaka emi-6 ukuya kwi-13)</li><li>R15,000 abantwana (abakubudala bonyaka om-1 ukuya kwisi-5)</li></ul>
Inzuzo yomngcwabo ebhatalwe ngokupheleleyo	R40,000 yamalungu akumhlaphantsi
Inzuzo yokuNceda Usapho	Ukubhujelwa: ukufuduselwa kwelinje ilizwe, uncedo lomngcwabo, ukucety-iswa ngokomthetho kanye nokulekwa kwengqondo kokubhujelwa. Umonzakalo: ukudlwengulwa, uhlaselo, ukululekwa kwengqondo kweNt-sholongwane kaGawulayo (i-HIV) kanye neeNkonzo zoNyango zoNgxamiseko
Ukuva	Imali onayo yakho (Fund Credit) kanye nokuphindwa ka-3 komvuzo wonyaka
Ukukhubazeka	Imali onayo yakho (Fund Credit) kanye nokuphindwa ka-3 koMvuzo wonyaka (ukuba kuvunyelwe)

## Umvuzo Wobomi Bonke

**Ingaba uzakube uthatha umhlaphantsi kunyaka ozayo kwaye awunayo ingcinga yokuba uzakuwenza njani umhlaphantsi wakho ukuba uhlale ixesha elide?**

Sinento esikuphathele yona. Ngo Matshi 2019, sazise ngemveliso entsha ebizwa ngokuba nguMvuzo Wobomi bonke. Ngemveliso yoMvuzo Wobomi bonke, unokukhetha ukusebenzisa imali onayo yakho ngokupheleleyo okanye inxalenye yayo ekuthengeni umvuzo wobomi bonke kwaye ubuye ufumane oku kulandelayo:

- Umvuzo wenyanga osisiqinisekiso\* ubomi bakho bonke.
- Umvuzo wobomi bonke osisiqinisekiso wakho uzokwanda ngokuhambelana nokunyuka okuchazwe ngonyaka. Ezi zibhekiselele kwiimbuyekezo zotyalo-mali.
- Ukuba iimbuyekezo ezikwi portfolio yotyalo-mali zimbi umvuzo wakho awuzukwanda, kodwa soze wehle.
- Unexesha elincinane lokubhatalwa leminyaka eli-15. Ukuba uyafa kwiminyaka eli-15, umvuzo wobomi bonke uzakubhatalwa kubantu bakho abaxhamlayo.

### Umzekelo:

Ukuba uyafa kwiminyaka eli-10 emva kokuba ukumhlaphantsi um(aba)ntu wakho oxhamlayo onyuliweyo uzakufumana isambuku semali esilingana nexabiso lomvuzo oseleyo weentlawulo.

\*Umvuzo wenyanga uxhomekeke kwingeniso yerhafu.

Ukuba ngaba unokunqwenela ukwazi nangaphezulu malunga nemikhetha yakho yomhlaphantsi, sinikezela ngoluleko lwengqondo lomhlaphantsi kumalungu athatha umhlaphantsi. Thetha ne-HR yakho okanye uqhagamshelane ne-MWPF malunga nokwenzeka kwaseshoni elandelayo yoluteko lwengqondo.

# Izibonelelo ezifumanekayo kuwe

Ukunikezela ngeenkonzo kumalungu ethu ngokubalaseleyo kubalulekile kakhulu kuthi kwaye ngolo hlolo siye saqinisekisa ukuba unezibonelelo ezininzi onokufikelela kuzo ngaphandle kokuza kuNdlinkulu we-MWPF ngamabango.

## Amaziko Ongena Kuwo Ngaphakathi

Ingxowa-mali inaMaziko Ongena Kuwo Ngaphakathi asebenza ukusuka ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu ngentsimbi ye-08h00 de kube ngentsimbi ye-16h00 ukunceda ngokukodwa abaxhamli abangamalungu anamabango okanye izikhala. Sinezintandathu kwezi ndawo zilandelayo:

Walk-in Centre	Address
Carletonville	No 2, Office Park, Uys Buys, Corner Kaolin and Radium Street, Carletonville
Witbank	Office No. 9, M&B Centre, 16 Mandela Street, Witbank, 1034
Johannesburg	Cnr Melle & 26 Ameshoff Street, Braamfontein, Johannesburg, 2000
Orkney	Shop No, 12, Umuzimuhle Shopping Complex, Vaal Reefs No 3, Orkney, 2619
Mthatha	No. 49 Leeds and Craister Street, Metropolitan Place, Mthatha West
Mozambique	En1 Avenida Samora Machel Enfetrende ao Chave de Ouro, Balcao, 16 Provincia de Gaza, Ciadade Xai Xai

## EBS (Abacebisi beeNkonzo Ezibhekiselele kuBasebenzi)

Sinee ofisi ze-EBS ezimiselwe ngokuthe ngqo kumgodi ukuze thina sibekufutshane nawe, apho unokungena khona ngexesha elilelakho ukuze usebenzisane nabacebisi bethu abafanelekileyo be-EBS. Imigodi enabacebisi be-EBS yile:


- Glencore Mine: Witbank
- Sibanye Stillwater: Beatrix, Driefontein, Ezulwini
- Harmony: Kusasaletu, President Steyn
- Anglo Gold Ashanti: Vaal Reefs (Orkney) West Wits (Carletonville)

## Oomanejala beMicimbi yabaXhasi (CRMs)

Sikwanee CRM ezilikhonkco lethu phakathi komqeshi kune nani malungu. Baqhuba iiseshoni zemfundo yamalungu kwimigodi nganye kwaye zibandakanye iinzuso zethu kune nezikhalazo ezinxulumene kumabango.

## Iziko loMnxeba

Inombolo yethu yeZiko loMnxeba ngu 010 100 3001, iziko lomnxeba le-MWPF yindawo yethu yokuqala yoqhagamshelwano apho uzakuncedwa ngummeli wethu weziko lomnxeba, oxhotyiswe ngokupheleleyo ekuphatheni wonke amabango kune nezikhalazo zamalungu kune nezabaxhamli.



# Amaqonga Edijithali

## Kwiziko lewebhu

The screenshot shows the homepage of the Mineworkers Provident Fund. At the top, there's a navigation bar with links for 'Members Login', 'Complaints', 'Supply Chain', 'Unclaimed Benefits', and 'Regional Advisory Committee'. Below that is another navigation bar with links for 'HOME', 'ABOUT US', 'PRODUCTS & SERVICES', 'INVESTMENTS', 'EMPLOYERS', 'MEDIA', and 'CONTACT'. The main banner features a silhouette of a miner at sunset with the text 'WELCOME TO MINEWORKERS PROVIDENT FUND'. Below the banner, there's a section with text in Malagasy and English, followed by a paragraph about the fund's mission.

Iwebhusayithi ye-MWPF inento yonke ofuna ukuyazi ngeNgxowa-mali, sineemveliso ezicacileyo kunye nephepha leenkonzo elidwelisa zonke iinzuzo kunye nendlela amalungu anokubanga ngayo iinzuzo zaho, kuquka into onokuza nayo xa usenza ibango.

Amalungu asenokwenza ibango ngqo kwiwebhusayithi. Kukho nephepha lotyalo-mali elikubonisa ukusebenza kweNgxowa-mali, izitetimenti zemali zonyaka kunye neengxelo zemali, ezigxile kushishino nasekusebenzeni kwemali Yengxowa Mali.

## Isango-salathisi Sezikhalazo



Sinesango-salathisi sezikhala zo le intanethi lokunceda abo banqwenela ukukhalaza kwi Ngxowa-mali ukusebenzisa iqonga elisembindini lependulo ekhawulezayo kunye nokusonjululwa kwezikhalazo.

Linikezela ngeqonga elithe ngqo apho wena kunye nabaxhamli ningafaka izikhala zo ukusuka apho ukhoyo, ngqo kwiofisi yeGosa eliyiNtloko.

Yiya ku <https://complaints.mwpf.co.za/> ukufaka isikhala zo kwaye ufumane impendulo ngokukhawuleza.

# I-Facebook kanye ne-Twitter

Sikwanawo namaphepha e-Facebook kanye ne-Twitter, agcina wena uhlale unolwazi ngazo zonke iziganeko zethu kanye nophuhliso IweNgxowa-mali. Imibuzo ikwaphendulwa ngexesha lokwenyani kwaye izikhalaizo zisonjululwe kwi-intanethi.

## Silandele kwi-Facebook kanye ne-Twitter kwaye uhlale unolwazi:

I-Mineworkers Provident Fund - <https://www.facebook.com/mineworkerpf>

Mineworkerspf - <https://twitter.com/Mineworkerspf>



Sibongoza onke amalungu ukuba asebenzise izibonelelo ze-MWPF ukunceda thina ukuba sinikezele ngenkonzo yodidi oluphezulu kuni malungu.

## Sithumele iinkcukacha zakho

Ukuhlala sinoqhagamshelwano nawe yinto ephambili kakhulu kuthi. Ukuba nedilesi ye imeyile yelungu ngalinye okanye inombolo yeselula kuzakusivumela ukuba sikwazise nangaziphina izinto ezintsha ezinokwenzeka kwingxowa-mali.

Ukuba utshintsha inombolo yeselula yakho, nceda uqhagamshelane nathi ukuze sibe nokuyitshintsha kwisistimu. Ngale ndlela, uzakubanako ukufumana konke okuqhubekayo nge SMS. Thumela iselula yakho kanye nedilesi ye imeyile ku [clientservices@mineworkers.co.za](mailto:clientservices@mineworkers.co.za) okanye ku [externalcomms@mineworkers.co.za](mailto:externalcomms@mineworkers.co.za).

## IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZIKANDLUNKULU WENGXOWA-MALI

Mineworkers Provident Fund Building, 26 Ameshoff Street, Braamfontein, Johannesburg

010 100 3001

[www.mwpf.co.za](http://www.mwpf.co.za)

Ukungabinalo ibango: linkcukacha ekuunikezelwe ngazo kule ncwadi yeendaba zamalungu zikhuselwye yimithetho yobuchule bengqondo yomntu kwaye ayinakukotshwa, isasazwe okanye iguqlulwe ngenjongo yokuthengisa. Ngelixa zonke iinzame zenziwe ukuqjinisekisa ukuba iinkcukacha eziqulathwe apha zezagoku, zinobulungisa kwaye zichanelile, oku akunakuqjinisekisa. Ukusetyenziswa kwezi nkukcukacha lilo naliphi na iqela lesithathu kuya kuba ngokokubona kweqela lesithathu kwaye kokwesimo sokwenyani kuphela. Nceda uqaphele ukuba umxholo wenqwadi yeendaba zamalungu ungqubana neMithetho-siseko yeNgxowa-mali, Imithetho-siseko iya kuphumelela. I-MWPF ayamkeli naluphi na uxanduva ngenxa yayo nayiphi na ilahleko, ukonakala, iindleko kanye nenkcitho, ezinokuthi zigcineke okanye zenzeke ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo ngenxa yaso nasiphi na isiphoso okanye ukushiywa okuqulethwe apha.

